ISIXHOSA

Bhota mfundi webanga 12

Ngunyaka wakho wokugqibela ufunda esikolweni. Kunyanzelekile ukuba ubhale iimviwo zokuphela konyaka, ukwenza oko kulindeleke ukuba uzilungiselele kangangoko unako.

Iingcebiso malunga nokulungiselela iimviwo

- Cwangcisa ixesha lakho ngobunono nenzondelelo
- Yiba nendawo ethe cwaka yokufundela
- Xa ufunda, qala ngalo miba inzima kwisifundo ukuya kwelula
- Zikhwebule kumkhuba wokuchitha ixesha elininzi kwiindawo zokuzonwabisa endaweni yokufunda iincwadi zakho
- Xa ufunda, mana ubhala phantsi amanqaku okufundayo ukuzikhumbuza
- Ukuhlaziya okufundileyo, ungasebenzisa amaphepha eemviwo ezigqithileyo
- Yazi ukuba ukufunda yinto oyenza ubomi bakho bonke, ngoko ke, ziqhelanise nokufunda rhoqo.

Ukuhlola

Udweliso lwemisebenzi ehlolwa ngokusesikweni namanqaku ayo.

IsiXhosa Ulwimi LwaseKhaya

Ukuhlela olwenziwa ngokwekota ezikolweni

Ikota 1:	Ikota 2:	Ikota 3:	Ikota 4:
4 Imisebenzi + 1 Uvavanyo	2 Imisebenzi + Uviwo lwaphakathi enyakeni P1 & P2	1 Umsebenzi + Uviwo lweyoMsintsi P1, P2 & P3	Uviwo lokuphela konyaka P1, P2 & P3

IsiXhosa Ulwimi Olongezelelweyo LokuQala

Ikota 1:	Ikota 2:	Ikota 3:	Ikota 4:
3 Imisebenzi + 1 Uvavanyo	3 Imisebenzi + Uviwo lwaphakathi enyakeni P1 & P2	Uviwo lweyoMsintsi P1, P2 & P3	Uviwo lokuphela konyaka P1, P2 & P3

Learn Top 50 IsiXhosa Phrases and Word
https://qrgo.page.link/G9GCa

Conversational isiXhosa
https://qrgo.page.link/8XDNy

IsiXhosa Ulwimi Olongezelelweyo LwesiBini

Ikota 1:	Ikota 2:	Ikota 3:	Ikota 4:
3 Imisebenzi	2 Imisebenzi + Uviwo lwaphakathi enyakeni P1 & P2	1 Umsebenzi + Uviwo lweyoMsintsi P1, P2 & P3	Uviwo lokuphela konyaka P1, P2 & P3

Amacandelo namanqaku amaphepha eemviwo

Amaphulo okuncedisana nawe ukulungiselela ezi mviwo

- Kwezinye izithili, kuqhutywa izifundo zangoMgqibelo zesiXhosa, izikolo zasebusika, izikolo zasentwasahlobo, ukuncedisana nawe mfundi.
- Amaphepha eminyaka edlulileyo esiXhosa ayafumaneka kwiwebhusayithi ethi www.education.gov.za
- Ndikunqwenelela impumelelo kwizifundo zakho zonke ingakumbi kwisiXhosa.

SCAN ME! isiXhosa SAL Overview

SCAN ME! isiXhosa HL Overview

SCAN ME! isiXhosa FAL Overview